Ukuba isibheno sangaphakathi sibandakanya omnye umntu, i-eGov inoxanduva lokwazisa bonke abanye abantu abachaphazelekayo..

Abanye abantu nabo bayavunyelwa ukwenza izibheno zangaphakathi belandela iziggqibo **zeGosa leNgxelo neNgcaciso** okanye **IsekelaGosa leNgxelo neNgcaciso**

**Umfakisicelo** usenokufaka Isibheno Sangaphakthi elandela iziggqibo **ze-Gosa leNgxelo neNgcaciso** okanye **IsekelaGosa leNgxelo neNgcaciso**:

- Ukwalela nasiphi na **Isicelo sokufikeleka kwiiNkcukacha**;
- intlawulomali yokufikelela ibe luhlobo lwerhafu okanye
- **Isicelo sokongezelela ixesha** ukuze kusetyenzwe ngeSicelo.
- Umfakisicelo **akonelisekanga** sisigqibo sokongezelela ixesha ngeentsuku ezingama-30 ukuze i-e-Gov iphendule kwesi sicelo.
- umfakisicelo akonelisekanga luhlobo ezikhutshwe ngayo iiinkcukacha kwaye azifani nezo azicelileyo
- ukuba uhlobo olwacelwayo, nomfakisicelo ukholelwa ukuba ibingazokuba ngumthwalo kwi-e-Gov ukunikezela ngeenkukacha ngohlobo ezicelwe ngayo.



## 9.2 linkqubo, Amaxesha noHlobo

Kufuneka isibheno sifakwe ngokusebenza ifom emiselweyo neqhotyoshelwe kule Manyuwali **yePAIA** njenge **Sihlomelo B**.

Kufuneka isibheno senzelwe kuuledilesi, inombolo yefeksi okanye i-dilesi ye-imeyile uyithumele **kwiGosa leNgxelo neNgcaciso okanye IsekelaGosa leNgxelo neNgcaciso**.

Umntu ofaka isibheno (apha ke waziwa ngokuba “ngumbheni”) kufuneka

- afake iinkcukacha ezaneleyo kwifom yesibheno nezizathu zesibheno sangaphakathi;
- indlela afuna ukwaziswa ngayo ngesiggibo esimayela nesibheno; kwaye
- uhlawule \*imali-ntlawulo yesibheno (ukuba kuyimfuneko) ngokwentlawulo yesihlomelo.

\* okwangoku akukho ntlawulomali.

Umfakisibheno /Umfakisicelo kufuneka afake isibheno sangaphakathi kwintsuku ezingama-60 zokufumana ukuba walelwé ukufikeleka kwiinkcukacha **ngokwesicelo sePAIA** sokuqala.

Kufuneka uFomB angeniswe **liGosa Lengxelo neNgcaiso/IsekelaGosa leNgxelo neNgcaciso** elalithe lasala **Isicelo** ekuqaleni, aze asidlulisele kumntu okwigunya eliphezulu.

Ukuba isibheno sifuna ukuba kukhutshwe isazio kumntu ongomnye (ok.kkt. xa ingxelo iqulethe Ingxelo Engomntu emayela nomnye umntu, kunye nengxelo eyimfihlo, nengxelo engqale ngoshishino nemali, ingxelo engophando ngomntu ongomnye), ngoko ke kufuneka isaziso ngesibheno sikhutshwe kwiintsuku ezingama-30 sinikwe umntu ongomnye esifikwa egameni lakhe.

Kufuneka umfakisicelo angenise isibheno sangaphakathi **IkwGosa leNgxelo nengcaciso/isekelagosa leNgxelo neNgcaciso** yequmrhu loluntu elifanelekileyo ngeposi, ngefeksi okanye i-imeyile.

Kufuneka isibheno sangaphakathi siuke umba wesibheno sangaphakathi, izizathu zokuxhasa isibheno size siuke nayipa na ingxelo ehambelanayo eyaziwa ngulowo owenza isibheno.

Ukuba umfakisicelo angathanda ukwaziswa ngesiggibo esimayela nesibheno sangaphakathi ngendlela eyahlukileyo kufuneka ayichaze loo nto.

Umfakisicelo ofaka isibheno sangaphakathi kufuneka ahlawule imalintlawulo **eyintlawulomali emiselweyo**. Isiggibo esimayela nesibheno singabekelwa bucala silityaziswe ide ide ihlawulwe imalintlawulo efunekayo.  
\*okwangoku, akukho ntlawulomali.



I-e-Gov iyakuvumela ukuba umfakisibheno asifake emva kwexesha isibheno sakhe selidlulile ixesha elimisiweyo ukuba unezizathu eziphathekayo ngokufakwa kwsibheno selidlulile ixesha kunye nesizathu esibangele loo nto.

Xa kufakwe isibheno sangaphakathi emva kokuba zidlulile iintsuku ezingama-60, kufuneka **Igosa leNgxelo neNgcaciso okanye igosa leNgxelo neNgcaciso** lisamkele isibheno ukuba kukho isizathu esiphathekayo ngokufakwa kwaso selidlulile ixesha. Xa **Igosa leNgxelo nenNgcaciso okanye IsekelaGosa leNgxelo neNgcaciso** lingakwamkeli ukufakwa kwsibheno sangaphakathi ngenxa yexesha esifakwe ngalo, kufuneka azise ofaka isibheno ukuba isibheno sakhe sifakwe emva kwexesha kwaye akuvulekanga ukuba kuqhutywe naso.

### 9.3 Intlawulomali yesibheno

Kufuneka umfakisebheno ahlawule imali emiselweyo \*intlawulomali yesibheno (ukuba ikhona). Isigqibo ngeSibheno Sangaphakathi singalityazisa okanye sibekelwe ecaleni kude kuhlawulwe imalintlawulo (\*okwangoku akukho ntlawulomali).

### 9.4 Umntu Ongomnye Obandakanyekayo

Ukuba i-e-Gov icinga ngokufaka Isibheno Sangaphakathi esimayela nokwalelwaa **Isicelo sokufikelela kwiinkcukacha** esihambelana nmntu ongomnye esinonto yokwenza nokuwuphatha bucala lo mba okanye iiNkukacha zakwaSARS, ze-e-Gov kufuneka zazise umntu ongomnye obandakanyekayo ngeziphuno zesibheno **kwiintsuku ezingama-30** emva kokufumana isibheno nekhawuleza kakhulu kangangoko.

I-e-Gov iza kunika umntu ongomnye obandakanyekayo inkcazel yeziqulatho ngesibheno, iiinkcukacha zomfakisibheno aze acacise ukuba ingab i-e-Gov inombono wokuba ikhutshwe ingxelo inikezelwe kuluntu okanye ingakhutshwa

Umntu ongomnye ngoko ke **uneentsuku ezinagama-21** zokubhala phantsi anike **uMfakisicelo**, izizathu zokuba kutheni engazokunikwa ingxelo okanye anikwe imvume yokufikelela **Kwiinkcukacha**.

### 9.5 Isaziso ngesigqibo

Emva kokufumana isibheno kufuneka **IGosa leNgxelo neNgcaciso okanye Isekela leNgxelo neNgcaciso** kufuneka lifake izizathu ngesigqibo salo **kwiintsuku zomsebenzi ezili-10** kunye neenkukacha zomntu ongomnye obandakanyekayo, ukub aukhona.

I-e-Gov ingaqinisekisa isizathu sokuqala okanye yenze esinye isizathu. Oku kungenziwa kwiinttsuku ezinagama-30 emva kwsibhneo sangaphakathi okanye **kwiintsuku zomsebenzi ezi-5** emva kokufumana ingxelo ebhaliweyo mayela nesibheno. Kufuneka isaziso sinikwe umfakisibheno, umntu ongomnye obandakanyekayo kunye **noMfakisicelo**, ichaza izizathu zesigqibo.



## Isaziso

- masicacise izizathu ezifanelekileyo ngesiggibo, kuquka izibonelelo zoMthethwana osetyenzisiweyo;
- sikhuphe kwezo zathu yonke into ekunokubhekiswa kuyo kwiziqulatho zee**Nkcukacha**;
- sichaze ukuba obhenayo, okanye umntu ongomnye, okanye **Umfakisicelo**, ngokwemeko yesibheno, angafaka isibheno enkundleni ngesiggibo esithathiweyo ngesibheno sangaphakathi kwiintsuku **ezingama-60**;
- ukuba isaziso ngomntu ongomnye sifuneka kwiintsuku ezingama-30, emva kokukhutshwa kwenothisi, kunye nenkqubo yokungenisa isicelo ngesibheno .

Ukuba i-e-Gov ayikwazi ukukhupha isaziso kwisibheno sangaphakathi kulowo ubhenayo ngexesha elimisiweyo, kuye kuthathwe ngokuba i-e-Gov isichithile eso sibheno sangaphakathi ngokwenjongo zoMthethwana.

#### 9.6      **Ukubhenela enkundleni**

Ukub a isibheno sangaphakathi asiphumelelanga, okanye i-Gov yalile ukwamkela isisbheno sangaphakathi ngenxa yokuba sifakte emva kwexesha, okanye ukuba **Umfakisicelo** okanye umntu ongomnye (umbheni) uphakathi kabuhluntu nangalu phi na uhlolo ngenxa yesiggibo esenziwe yi-e-Gov, loo mntu angabhalela inkundla afake isicelo ukuze kunyenyiswe imiqobo kwiintsuku ezili-**180** emva kokufumana isiggibo ngesibheno.

**Umfakisicelo** okanye umntu ongomnye angafaka isicelo kwiNkundla Ephakamileyo QHA (okanye kwinkundla yomgangatho ofanayo) ukuze **Umfakisicelo** afumane ukunyenyiswa kwemiqobo okufanelekileyo okanye umntu ongomnye ekufakwa isibheno egameni lakhe xa sekwenziwe konke kwinkqubo yeSibheno saNgaphakathi kwaye ufumene isaziso ngsigqibo okanye inothisi ekhutshiweyo mayela nemeko esenokuba njalo

Akukho **Nkcukacha** ziza kugcinwa okanye eziza kubanjwa zisuka enkundleni.

linkqubo zenkundla kufuneka ziphathwe ngesidima nomoya ophantsi, kwaye inkundla ingaqinisekisa, ilungise ize okanye ibekele bucala izigqibo zesibheno sangaphandle okanye kukhutshwe isithinteli.



**ISIHLOMELO A**

**IFOM A**

**ISICELO SOKUFIKELEA KWIINKCUKACHA YEQUMRHU LOLUNTU**

(Isigaba se-18(1) soMthethwana Okhuthazwa kokufikelela Kwingxelo, ka-2000)  
(Umtethwana No.2 ka-2000)

**(Umqathango we-6)**

**YEYOKUSETYENZISWA LISEBE**

Inombolo ejongwayo: \_\_\_\_\_

Isicelo sifunyenwe ngu: \_\_\_\_\_ (Isikhundla kuRhulumente, igama nefani yeGosa Lengcaciso/IsekelaGosa leNgcaciso) ngomhla we \_\_\_\_\_ (umhla), e \_\_\_\_\_ (indawo).

Intlawulo yezicelo (ukuba ikhona): R\_\_\_\_\_

Idiphozithi (ukuba khona): R\_\_\_\_\_

Intlawulo Yokufikelela kwisicelo: R\_\_\_\_\_

ISAYINWE LIGOSA LENGCACISO/LISEKELAGOSA LENGCACISOR

**a. IINKCUKACHA ZEQUMRHU LOLUNTU**

Igosa Lengxelo nengcaciso/IsekelaGosa Lengxelo Nengcaciso:

---

---

**b. IINKCUKACHA ZOMNTU OFAKA ISICELO SOKUFIKELELA KWIINKCUKACHA**

- a. Kufuneka iinkcukacha zomntu ofaka Isicelo sokufikelela Kwimiqulu yeenkcukacha zibhalwe ngezantsi.
- b. Idilesi okanye inombolo yefeksi kwiRiphabhlikhi apha kuthunyelwa khona/kusiwa khona ingxelo
- c. Kufuneka isiqinisekiso sokuba ngubani ofaka Isicelo kwaye ufanelekile, ukuba sikhona, kufuneka siqhotyoshelwe.

Amagama Apheleleyo neFani: \_\_\_\_\_

Inombolo Yesazisi: \_\_\_\_\_

Idilesi Yeposi: \_\_\_\_\_

Inombolo yefeksi: \_\_\_\_\_

Inombolo Yefowuni: \_\_\_\_\_

Idilesi ye-imeyile: \_\_\_\_\_

Igunya lokwenza Isicelo, xa sisenziwa egameni llomnye umntu:

---

**c. IINKCUKACHA ZOMNTU OWENZA ISICELO EGAMENI LOMNYE UMNTU**

Kufuneka esi sigaba sizaliswe UKUBA ofaka Isicelo usifaka egameni lomnye umntu

Amagama Apheleleyo neFani: \_\_\_\_\_

Inombolo yeSazisi: \_\_\_\_\_

**d. AMAXWEBHU EENKCUKACHA**

- a. Nikezela ngaMaxwebhu apheleleyo EeNkcukacha Eziceliweyo nekufunwa ukufikelewa kuzo kuquka inombolo ejongwayo ukuba uyayazi, ukuqinisekisa ukuba linkcukacha ziya fumaneka.
- b. Ukuba indawo enikezelweyo ayimanga kakuhle nceda uqhube nokwahlula ipotfolio ukuze incanyathiselwe kule fom. Kufuneka uMfakisicelo asayne zonke iinkcukacha ezongezelelweyo

1. Inkcazelo ngaMaxwebhu okanye linkcukacha ezihambelanayo:

---

---

2. Inombolo ejongwayo, ukuba ikhona:

---

---

3. Eminye imiba efumanekayo emayela neNkcukacha:

---

---

---

**e. INTLAWULO**

- a. Isicelo sokufikelela Kwiinkcukacha, ngaphandle KwamaXwebhu aqulethe ingxelo engawe, iza kuqhutwywa emva kokuba kufakwe intlawulo Yesicelo.
- b. Uyakwazisa ngemali efunekayo eyintlawulo yokufaka Isicelo.
- c. Intlawulo yokufikelela Kwiinkcukacha kuxhomekeka kwifom efunekayo yokufaka isicelo kunye nexesha elifanelekileyo ukuphanda nokulungisa linkcukacha.
- d. Ukuba kufanelekile ukuba unghalawuli intlawulo ngesicelo sakho, nceda ubeke isizathu sakho.



Isizathu sokukhutshwa kuluhlu lwabantu abafanale kukuhlawulela izicelo

---

---

Ukuba awukwazi ukufunda ngenxa yokukhubazeka, ukuhlaziya okanye ukumamela uhlobo linkcukacha ofikelela ngazo olunikezelwe kumba-1 ukuya kowe-4 ngezantsi, nceda uchaze ukukhubazeka kwakho uze uphawule ukuba zize zingoluphi uhlobo lweNkcukacha olufunekayo.

Uhlobo lokukhubazeka:	Uhlobo LweXwebhu lweNkcukcha olufunekayo:

Phawula ibhokisi efanelekileyo ngo-X.

IINOWUTHSI

- a. Ukuhambelana neSicelo sokufikelela ngohlobo olubekiweyo kwifom lusenokuxhomekeka kwifom ezifumaneka kuyo liNkcukacha.
- b. Ukfumana uhlobo lweSicelo oluceliweyo kusenokungavunyelwa ngenxa yeemeko ethile. Kwimeko enjalo, uza kuxelelwu ukuba Isicelo usifumene kodwa sikhutshwe silolunye uhlobo.
- c. Intlawulo ehlawulweyo ukufikelela kwiiNkcukacha, ukuba zikhona, zakuchazwa ngantlanye luhlobo lwendlela yokufikelela kwisicelo eso.



<b>1. Ukuba linkcukacha zikuhlobo olubhaliwego okanye oluprintiwego:</b>		
Ikopi yeNkcukacha*	Ukuhlolwa kweNkcukacha	
<b>2. Ukuba Amaxwebhu EeNkcukacha aqulathe amagama agciniwego okanye ingxelo enokushicelewa ibe sisandi:</b>		
Hlaziya le mifanekiso	likopi zemifanekiso*	likopi zemifanekiso*
<b>3. Ukuba Amaxwebhu aqulethe linkcukacha zamagama okanye ingxelo enokuveliswa ibe sisandi:</b>		
Mamela isandi (ikhasethi)	Ikopi ebhaliwego yesandi(umqulu obhaliwego okanye oprintiwego)	
<b>4. Ukuba iinkcukacha ezigcinwe yikhompyutha okanye ngezixhobo zombane okanye umatshini okuhlobo olufundekayo</b>		
Ikopi eprintiwego yeeNkcukacha*	Ikopi yengxelo eprintiwego ephuma kwiiNkcukacha*	Kopa uhlobo Iwekhompyutha olufundekayo* (idiski yestifi okanye iCD)

*Ukuba ufake Isicelo seeNkcukacha okanye iikopi zeeNkcukacha (ngentla), ingaba ufunu ikopi eprintiwego ithunyelwe kuwe?	EWE	HAYI
Imali yokuposa		

Qaphela ukuba linkcukacha azifumaneki kulwimi olukhethayo, ungazifumana linkcukacha ngolwimi onqwenela ukuba zifumaneko kulo
Ufuna linkcukacha zibhalwe ngoluphi ulwimi? _____



**f. ISAZISO NGESIGQIBO ESIMAYELA NESIGQIBO SOKUFIKELELA KWISICELO**

Uyakubhalelwa ngesaziso sesigqibo seSicelo sakho ukuba sivuniwe/asivunywanga. Ukuba unqwenela ukwaziswa ngendlela engenye, nceda wazise lendlela ufunu sithunyelwe ngayo unike neenkukacha ezihambelna neSicelo.

Ukhetha ukwaziswa njani ngesigqibo seSicelo sokufikelela kwiiNkukacha?

---

Isayinwe e: \_\_\_\_\_ ngalo \_\_\_\_\_ mhla \_\_\_\_\_ 20\_\_\_\_\_

---

ISANDLA SOMFAKISICELO/  
IGA,MA LALOWO OFAKELWA ISICELO



**ISIHLOMELO B  
UHLOBO LWEFOMB  
ISAZISO NGESIBHENO SANGAPHAKATHI**

(Isigaba sama-75 Omthethwana Okhuthaza Ukufikelela Kwingxelo, 2000 (Umthethwana onguNombolo. 2 ka 2000)

(Umqathango 8)

**CHAZA INOMBOLO YAKHO  
EMAYIJONGWE**

**a. IINKUKACHA ZEQUMRHU LOLUNTU**

Igosa leNgxelo neNgcaciso/Igosa leNgxelo neNgcaciso: \_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_

**b. IINKUKACHA ZOMFAKISICELO/UMNTU ONGOMNYE OFAKA ISIBBHENO SANGAPHAKATHI**

- a. linkukacha zomntu owenza Isibheno Sangaphakathi kufuneka anike ezi zinto zingezantsi.
- b. Isiqinisekiso ngegunya nesizathu sokufaka isibheno, ukuba siyafuneka, kufuneka sincanyathisew.
- c. Ukuba ke lowo wenza isibheno ngumntu ongomnye ingenguye lowo obefake isicelo kuqala, iinkukacha zomntu ofaka Isicelo kufuneka anikwe uC ngezantsi.

Amagama Apheleleyo neFani: \_\_\_\_\_

Inombolo yesazisi: \_\_\_\_\_

lidilesi yeposi: \_\_\_\_\_

Inombolo yefeksi: \_\_\_\_\_

Inombolo yefowuni: \_\_\_\_\_

Idileyi ye-imeyile: \_\_\_\_\_

Amandla egunya lesibheno Sangaphakathi egameni lomnye abhaliwe:

\_\_\_\_\_



c. IIINKCUKACHA ZOMFAKISICELO

Kufuneka esi sigaba sizaliswe UKUBA omnye umntu wenza liscelo Sangapahkathi (ngaphandle koMfakisicelo)

Amagama Apheleleyo neFani: \_\_\_\_\_

Inombolo yeSazisi: \_\_\_\_\_

Idilesi Yesposi: \_\_\_\_\_

Inombolo yefeksi: \_\_\_\_\_

Inombolo yefowuni: \_\_\_\_\_

Idilesi ye-Imeyile: \_\_\_\_\_

Igunya nesizathu Sokufaka Isibheno Ngaphakathi egameni lomnye umntu:

\_\_\_\_\_

**d. ISIGQIBO SOKUFAKWA KWESIBHENO SANGAPHAKATHI**

Phawula isiggibo nesizathu esibangela kwenziwe Isibheno Sangaphakathi ngoX kwibhokisi efanelekeileyo:

---

Ukungavunyelwa kokufikelela kwiSicelo sakho

Isigaba sama-22 soMthethwana omayela nesiggibo ngentlawulo emiselweyo ngokwemiba yoMthethwana

Isigaba sama 26(1) soMthethwana omayela nesiggibo sokwandiswa kwexesha emakusetyenzwe kulo isicelo

Isigaba sama-29(3) soMthethwana wokufikelela kuhlobo Isicelo esifunwe ngalo nguMfakisicelo

Isiggibo sokunika uMfakisicelo imvume yokufikelela kwiinkcukacha

**e. IMIHLABA YOKWENZA IZIBHENO**

Ukuba indawo yokubhala iinkcukacha ayaneli, nceda uqhube kwiphepha elisecalen ulincamathisele kulefom uze usayine onke amaphepha ongezelelweyo.

Chaza imihlaba ekusekelwe kuyo Isibheno Sangaphakathi:

---

---

Chaza nayiphi na ingxelo esenokuhambelana nesibheno ocinga ukusifaka:

---

---



Ukufikeleka kolwazi lilungelo lomntu

Ukufikeleka kolwazi lilungelo lomntu

### ISAZISO NGESIGQIBO SESIBHENO

Uyakwaziswa ngokubhalelw ngesiggibo Sesibheno Sangaphakathi. Ukuba unqwenela ukwaziswa ngolunye uhlobo, nceda uchaze uhlobo ofuna ukwaziswa ngalo uze ufake neenkukacha ezibalulekileyo nezifunekayo ukwenza oko kuhambelana neSicelo.

Chaza Uhlobo Olufunayo: \_\_\_\_\_

linkcukacha zohlobo olo: \_\_\_\_\_

Isayinwe e: \_\_\_\_\_ ngalo \_\_\_\_\_ mhla we \_\_\_\_\_ 20\_\_\_\_\_

### ISANDLA SOWENZA ISIBHENO

**OKUSETYENZISWA LISEBE****IXWEBHU ELISEMTHETHWENI LESIBHENO SANGAPHAKATHI:**

Isibheno sifunyenwe \_\_\_\_\_ (umhla), ngu \_\_\_\_\_ (isikhundla kuburhulumente, igama nefani yeGosa leNgxelo neNgcaciso/IsekelaGosa leNgxelo neNgcaciso).

Isiggibo sesibheno esihamba nezizathu zeGosa leNgxelo/nengcaciso/IsekelaGosa leNgxelo nengcaciso ,nalapho sisebenza khona, iinkcukacha zalowo kwensiwa isibheno ngaye, noneenkukacha ezihambelana naye, nezifakwe kwigosa leNgxelo neNgcaciso /IsekelaGosa leNgxelo nengcaciso nge/ngo/ngama \_\_\_\_\_ (umhla) okanye igunya elifanelekileyo.

**IMIPHUMELA YESIBHENO:**

**ISIGQIBO ESIQINISEKISIWEYO SEGOSA LENGXEOLO NENGCACISO/ISEKELAGOSA LENGXEOLO NENGCACISO/ ISIGQIBO ESITSHA NESIBENZE ENDAWENI YESINYE/ ISIGQIBO ESITSHA:**

---

---

---

---

---

**UMHLA:** \_\_\_\_\_

**IGUNYA ELIFANELEKILEYO:** \_\_\_\_\_



**ISIHLOMELO C**  
**IFOM C**  
**ISHEDYULE YENTLAWULOMALI EMISELWEYO**

**IMALI YESICELO**

Imali eyintlawulo yesicelo ihlawulwa nguMfakisicelo, ngaphandle kwaloo Mfakisicelo ekubheksa R35.00  
kuye kuMmqathango wam 7(2)

**IKOPI YEMANYUWALI**

Intlawulomali yekopi yemanyuwali njengoko ithiwe thaca kuMqathango 5(c) wekopi nganye  
ekwiphepha elingumlinganiselo we-A4 R0.60

**INTLAWULOMALI YOKUFIKELELA- INTLAWULOMALI YOKUPAPASHA**

Intlawulomali yokuppasha ekubheksa ngayo kuMqathango 7(1) zime ngolu hlobo:

- |  |        |
|--|--------|
| a. Ikopi nganye ekwiphepha elingumilnganiselo we-A4  | R0.60  |
| b. Ikopi nganye eprintiwego ekwiphepha elingumlinganiselo we-A4 okanye inxaleny yalo<br>mlinganiselo ogcinwe kwikhompyutha okanye umatshini wombane okuhlobo<br>olufundekayo | R0.40  |
| c. Ikopi nganye ekuhlobo lwekhomputya olufundekayo   |        |
| 1.     ldiski yestifi  | R5.00  |
| 2.     ICD   | R60.00 |
| d. Imifanekiso yekopi eprintiwego  |        |
| i. Kwphepha elingumlinganiselo ongu-A4   | R22.00 |
| ii. Ikopi yomfanekiso oprintiwego  | R60.00 |
| e. Ikopi eprintiwego yoShicilelo Iwesandi  |        |
| i. Kwphepha elingumlinganiselo we-A4   | R12.00 |
| ii. Ikopi nganye eprintiwego yoShicilelo Iwesandi  | R17.00 |



## INTLAWULOMALI YOKUFIKELELA- INTLAWULOMALI YOKUPAPASHA

Intlawulomali yokufikelela ehlawulwa ngMfakisicelo ekubhekiswa kuyo kuMqathango 7(3) ziloluhlobo:

- |  |        |
|--|--------|
| 1. (a) Kwikopi nganye engumlinganiselo we-A4   | R0.60  |
| (b) Kwikopi nganye eprintwe kwiphepha elingumlinganiselo we-A4 ogcinwe kwikhompyutha okanye umatshini wombane oluhlobo olufundekayo.                   | R0.40  |
| (c) kwikopi nganye ekuhlobo lombane ofundekayo   |        |
| i. Kwidiski esistifi   | R5.00  |
| ii. ICD  | R40.00 |
| (d) Ikopi yemifanekiso eprintiwego   |        |
| i. Kwiphepha elingumlinganiselo we-A4-   | R22.00 |
| ii. Kwikopi nganye yemifanekiso  | R60.00 |
| (e) Kwikopi nganye eprintiwego yoShicilelo lwasandi  |        |
| i. kwiphepha elingumlinganiselo we-A4  | R12.00 |
| ii. Kwikopi yoShicilelo lwasandi   | R17.00 |
| (f) Ukuphanda nolungiselela linkcukacha eziza kukhutshwa, kwiyure nganye, ngaphandle kweyure yokuqala, ixesha elaneleyo ukuqhuba uphando nolungiselelo | R15.00 |
| 1. Ngokweenjongo zesigaba sama 22(2) sePAIA, kwasetenziswa oku kulandelayo:  |        |
| a. liyure ezintandathu lixesha elinokuthi lidluliswe ngaphambi kokufka mali yediphozithi   |        |
| b. Isithathu sentlawulomali yokufikelela ihlawulwa njengediphozithi ngMfakisicelo  |        |
| 3. Imali yokuposa ihlawulwa xa kopi yeeNkcukacha kufuneka iposelwe kuMfakisicelo   |        |

Ilink yentlawulomali: <https://www.sahrc.org.za/home/21/files/PAIA%20Notice%20on%20fees.pdf>



## **ISIHLOMELO D**

### **Imihlaba yokwala ukufikelela kwingxelo**

#### **Le mihlaba yensiwe yaba luluhlu oluphantsi kweSahluko-4 sePAIA esiSigaba se-2 sePAIA**

#### **Ukhuseleko lokufihiwa komntu ongomnye**

Igosa leNgxelo neNgcaciso kwiqumrhu loluntu okanye iqumrhu elizimeleyo usenokungasivumeli isicelo sokufikelela kwingxelo engomntu kuquka, umntu ongasekhoyo.

IPAIA ichaza ukuba ukuze kukhuselwe ilungelo lokugcina imfihlelo yomntu onganye engumntu ophilayo, kufuneka igosa leNgxelo neNgcaciso lihlalutye livavanye ukuba isivumele na okanye ingasivumeli isicelo sokukhupha ingxelo ecelwe ngumfakisicelo ‘lisebenzisa imfihlelo yokugcina ingxelo engomntu’ (jonga amasolotya izigaba ama-34 nama-63 ePAIA).

isigaba soku-1 sePAIA sinikezela inkcazeloebanzi ngaloo nto yaziwa ngokuba “yingxelo engomntu”. Iquka ingxelo ehambelana nesini, ukumitha, nenkolelo, kwkaunye nembaletwano engomntu, iNcindi Yofuzo (DNA), imizila yeminwe, kune nalapho igama lomntu livela kumaxwebhu eenkcukacha.

Kufuneka Igosa leNgxelo neNgcaciso liqwalasele ukuba ngaba ingxelo engomntu iwela kula mabakala alandelayo apho ingxelo ikhutshwa khona:

- Ingxelo engomntu ngamnye onike imvume ngokuba kukhutshwe le ngxelo;
- Ingxelo engomntu eyensiwe yafumaneka kuluntu;
- ingxelo engomntu ngomntwana ongaphantsi kweminyaka eli-18 apho ukukhutshwa kwengxelo enjalo ihambelane neemfuno neminqweno yomntwana
- ukuba ihambelana neemfuno zomntwana, nezomfakisicelo (oko kukuthi. Umzali okanye umgcini womntwana);
- Ingxelo engomntu ongasekhoyo apho umfakisicelo esisisalwane saloo mntu ungumfakisicelo, okanye ovunyelweyo nokunikwe igunya (isivumelwano esibbhaliweyo) sisizalwane;
- Ingxelo engomntu ongasekhoyo onexesha elingaphezulu kweminyaka engama-20 waswelekayo;
- Ingxelo engomntu oligosa okanye owayeligosa elisemthethweni wequmrhu loluntu oknaye iqumrhu elizimeleyo apho
- ingxelo ihambelana nezikhundla njeneggosa leloqumrhu.

IPAIA ifuna Aamgosa eNgxelo neNgcaciso akwiziko leiNkonzo zeRhafu neNgeniso eMzantsi Afrika (SARS) awayikhuphi ingxelo yerhafu engomntu kune ngxelo ngemali, ngaphandle kokuba umfakisicelo ucela ukufikelela kwingxelo yakhe.



### Ukhuseleko lwengxelo yemali kumntu ongomnye

Kufuneka Amagosa eNgxelo neNgcaciso ngamaqumrhu oluntu nawabucala kufuneka angasivumeli isicelo sokufikelela kwingxelo ukuba ukukhupha ingxelo kuza kulimaza ezezimali okanye iimeko neemfuno zemali kushishino.

Uluhlu IwePAIA ludwelise ingxelo yezemali, engenakukhutshwa liGosa leNgxelo neNgcaciso:

- limfihlo zoRhwebo;
- Ezemali, ushishino noqoqosho, inzululwazi, uphando okanye ingxelo ngobugcisa nobuchwephesha ngontu ongomnye, ukuba ikhutshiwe,
- Ingabangela umntu ongomnye ingxaki;
- Ingxelo efunekayo yayikhutshwe iyimfihlo ngumntu ongomnye.

Nangona kukho umgaqo wokukhusela ingxelo yekhampani, ophangaleleyo, kufuneka nequmrhu loluntu lusebenze ngolo hlobo. Ngoko ke kukho amaxesha apho ingxelo engemali, ushishino noqoqosho Iwenkampani lusenokukhutshwa.

Ukukhutshelwa ecaleni kwePAIA; linkcukacha zomnu ongomnye eziqulethe ingxelo ehambelana nokhuseleko loluntu okanye imingcipheko yokusingqongileyo, kufuneka ikhutshwe nokuba ukukhutshwa kwaloo ngxelo kuza kudala ingxaki kumntu ongomnye. Lo mba uvela njengengxelo engumdla neyimfuneko kuluntu.

### Ukhuseleko lwengxelo eyimfihlelo

IPAIA ichaza ukuba kufuneka Igosa leNgxelo lingasivumi isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ukuba iinkcukacha ziza kudala ukungquzulana nemiba yokwaphula imithetho ejongene nokuziphatha emsebenzini nokutyhila imfihlelo ekufanele inikwe umntu ongomnye ngokwemiba yesivumelwano.

### Ukhuseleko lomntu ngamnye kunye nezinto anazo

Eli candelo lichaza ukuba kufuneka Igosa leNgxelo neNgcaciso ukufikelela kwinkcukacha ukuba eziza kukhutshwa zisenokudala ukungakhuseleki komntu okanye izinto anazo. Eli solotya linelungelo yokufihlwa kweenkcukacha njengoko icingela ubomi bomntu kunye nezinto zakhe.



### **Ukhuseleko Iwengxelo kwiinkqubo zomthetho**

Injongo yeli solotya kukukhusela ingxelo efuneka emthethweni nakwiinkqubo zokunyanelisa iinkqubo zomthetho. Eli solotya liqonda ukuba eminye imithetho emiselweyo nelawula izigaba ezithile zengxelo. Kweli solotya, Umthetho wama-51 ka1977 ojongene neeNkqubo zoLwaphulomthetho iququzelelwa ngokusetyenziswa komthetho olawula iinkcukacha ezhambelana neenkqubo zebheyile nezinye iinkqubo zokunyaneliswa komthetho. Oku kukwasebenza kwiinkcukacha zexabiso elikhethekileyo lokupapasha nokuvelisa iinkcukacha ezingafumaneki nakubani na ngaphandle komntu onelungelo nengunya lokufikelela kwezoo nkukacha. Umzekelo, naziphi na iinkcukacha ezingomba wobudlelwane phakathi kwegqwetha nomntu elimmeleyo zikhouselwe phantsi kwesolotya lama-40 kwiPAIA.

Nangona iPAIA ikuvuma kokubakho komthetho okuhambelana nolawulo nokukhutshwa kwengxelo neenkukacha, apha umthethosisekelo uba ngumqobo kwilungelo lokufikelela kwingxelo kwaye ungquzulana nemiqathango yokuba phandle nokunika ingxelo nengcaciso ngokwenzekayo, iPAIA iyakuwunyasha loo mthetho.

### **Ukhuseleko IweNgxelo yoPhando**

Kufuneka Igosa leNgxelo neNgcaciso lequmrhu loluntu lingasivumeli isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ezhambelana nophando oluza kuthi luqhutywe liqumrhu loluntu okanye umntu ongomnye. Oku kwalelwa ukufikelela kwiinkcukacha nengxelo iimeko zokukhutshwa kweenkcukacha eziza kuveza uphando lomntu ongomnye okanye iqumrhu loluntu, umntu ngamnye okanye iziko lokuqhuba uphando ngomnye umntu, okanye iqumrhu loluntu, umntu okanye iziko eliqhuba uphando okanye umba osishloko uza kuzisa imeko embi (bona amasolotya ama-43 nama-69 ePAIA).

### **Ingxelo engqamene nokwaliwa kwesicelo sokufikelela kwiinkcukacha**

Izigaba ezilandelayo zihambelana nengxelo echaza imihlaba nokudala ukuba Igosa leNgxelo neNgcaciso lisale isicelo sokufikelela kwingxelo ngaphandle kokuba banganika izizathu ezivakalayo ngengxelo kwaye iwela kwezi zigaba zilandelayo kwaye ukukhutshwa kwayo akuzokuluncheda nganto uluntu ngokwezi zigaba zilandelayo (ukufumana ingxelo ethe vetshe kwisolotya Iweemfuno zoluntu bona isigaba se- 4.4 ngezantsi).

### **Ukhuseleko lomzantsi Afrika, uzinzo nebuldelewane namazwe angaphandle**

Isigaba sama-41 sePAIA sifuna Igosa leNgxelo neNgcaciso licinge ngokuba lisenze na isicelo okanye likhuphe ingxelo ehambelana nokhuseleko eMzantsi Afrika. Igosa leNgxelo neNgcaciso lingala ukuphumeza isicelo ukuba liganika ubungqina bokuba ingxelo enokukhutshwa iza kuchaphazelka ukhuseleko laseMzantsi Afrika.



### Iimfuno zoqoqosho, zemali kunye noshishino eMzantsi Afrika

Isigaba sama-42 sePAIA sifuna ukhuseleko lwengxelo lequmrhu loluntu ukuba ukukhutshwa kweenkcukacha kuza kulimaza ezoshishino kwiRiphabhliki. Lo Mhlaba wokwalelwa uxhomekeke ekuthanden i nakwintsingiselo yeGosa leNgxelo neNgcaciso ekufuneka lithatthele ingqalelo umba wamaqumrhu oluntu aphantsi koMgaqosiseko waseMzantsi Afrika ukuba linike inkcazel kuluntu, phantsi kwale miba ke apho ukufikelela kwiinkcukacha kusenokwaliwa. Ngaphaya koko, gosa leNgxelo leNgcaciso kufuneka libonise ukuba ukukhutshwa kwengxelo ekuthethwa ngayo iza kudala ingxaki ilimaze iimfuno zemali noshishino eMzantsi Afrika.

### Indlela yokusebenza kwamaqumrhu oluntu

Isigaba sama-44 sePAIA sinika Amagosa Engxelo neNgcaciso akuzikhethela ngokwawo ukwala ukufikelela kwiinkcukacha ukuba iza kulimaza indlela yokusebenza kwequmrhu loluntu. Isigaba sama-44 sibanzi kwaye sisenukuquka oku:

- Imizuzu yentlanganiso;
- Amaxwebhu eenkcukacha aqulethe iingcebiso okanye iimbono;
- Amaxwebhu eenkcukacha okufakana imilomo namanye amaqqumrhu;
- Amaxwebhu eenkcukacha aphathelene nokwakhiwa kwemigaqonqubo okanye iziphakamiso.

**“Izicelo ezingenaxabiso okanye ezingenamsebenzi okanye ezithatha izixhobo zokusebenza kwezinye iindawo nemeko zize zjoliswe kuzo ngapahndl kwezi athu ezibambekayo”**

Igosa leNgxelo neNgcaciso lisenokusala isicelo sokufikelela kwingxelo ukuba iimbono zakhe ngokuqhutywa kwesicelo kuza kuchitha ixesa ngaphandle kwesizathu esibalulekileyo kwaye sichithe izixhobo zokusebenza. Ukongeza, Igosa Lengxelo neNgcaciso lisenokusala siicelo sokufikelela kwiinkcukacha ukuba isicelo esenziweyo asibaluleki kwaye siza kudala umsindo okanye sivuselele ububi sivuse umnyele.

### Ukunyashwa kweMfuno Zoluntu

Lonke ukhuseleko ngokoluhlu lweenkuckacha ezipidweliswe ziyanyashwa ukuba ukukhutshwa kwengxelo ngenxa yeemfuno zoluntu. Ngolu hlobo uvavanyo lweemfuno zabantu lunyasha yonke imihlabu yokwalelwa ukufikelela kwingxelo.

Kufuneka uvavanyo olulandelayo lusetyenziswe Ligosa leNgxelo neNgcaciso kuluntu okanye iqumrhu labucala ngaphambi kokwala ukufikikelela kwiinkcukacha zengxelo ewela phantsi kwezigaba ezipidweliswe ngentla zokungavunyelwa kokukhutshwa kwengxelo nokufikelela kwiinkcukacha. Ukuba kuhlangatyezwene nezi meko, ingxelo ke ngoko kuyanjeleka ikhutshwe phantsi kwemihlabu yeemfuno zoluntu. .



Ingaba ingxelo ibonisa ukuphazanyiswa komthetho okumandla?

OKANYE

Ingaba iinkcukacha ekubhekiswa kuzo ziqulethe ingxelo ehambelana nokuphekwa emngciphekweni kokhuselko loluntu okanye okusingqongileyo?

KWAYE

Ingaba iimfuno zoluntu ngokukhutshwa kwengxelo kunamandla kunomonakalo nokwenzeka?

**IZIZATHU ZOKWALELWA KWEQUMRHU LOLUNTU- OKUCATSHULWE KUMTHETHWANA****Ukhuseleko Iwengxelo olunyanelisa nolugunyazisa ushishino nezemali egameni lomnye umntu**

Kufuneka igosa lengxelo nengcaciso kwiqumrhu loluntu lisale isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ukuba ziqulethe oku:

**Iimfihlo zomnye umntu kwezorhwebo;**

- Ezemali, ezemali noqoqosho, ezenzululwazi okanye ingxelo yobugcisa nobuchwepheshha ngaphandle kwemfihlelo zomnye umntu kurhwebo apha ukukhutshwa kweenkcukacha ngoko ke kungadala ingxaki kwiumfuno neminqweno yezemali noqoqosho kwiumfuno zemali zomnye umntu;
- Ingxelo enikezelwa ngomnye umntu iyimfihlelo, enokuthi xa inokukhutshwa ibeke omnye umntu kwimeko enokumbeka engozini ngokwesivumelwano okanye olunye uthetha-thethwano okanye ubandlululo lomnye umntu kukhuphiswano loshishino nezemali.

**Nangona kunjalo,iinkcukacha zisenokungaliwa nangona ziqulethe ingxelo lolu hlobo:**

- Eseyifumaneka kuluntu;
- Ingomntu wesithathu obhale phantsi isivumelwano sokuba kutyhilwe okanye kukhutshwe iinkcukacha zinikwe umfakisicelo;
- Nangazi phi na iziphumo zemveliso okanye ukuvavanywa kwendawo esingqongileyo (ingezizo iziphumo eziphele tanci okanye uphando oluqhutywe kuba kupuhhliswa iindlela zokuvavanya) okanye olunye uphando oluqhutywayo okanye oluqhutywa egameni lomnye umntu;
- Apha ukukhutshwa kweenkcukacha kungaveza kutyhile ukhuseleko loluntu okanye umngcipheoko wendawo engqonge uluntu

**Ukhuseleko olunyanelisa ingxelo eyimfihlelo kune nokhuseleko Iwengxelo eyimfihlelo engomnye umntu**

- Kufuneka igosa lengxelo nengcaciso lisale isicelo sokufikelela kwixelo yeenkcukacha zeloqumrhu, ukuba ukukhutshwa nokutyhilwa kwayo kuza kuphazamisana nemfihlelo ekufunika inikwe umntu ongomnye ngokwemiba yezivumelwano.
- Igosa lengxelo nengcaciso kwiqumrhu loluntu lisenokungasivumeli isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zequmrhu ukuba iinkcukacha ukuba ziqulethe ingxelo enikezelwe phantsi kwemfihlelo yomnye umntu ukuba ikhutshiwe zinokubandlulula ukukhutshwa kwixesha elizayo nengxelo ifanayo okanye kumthombo ofanayo kwaye ifunwa luluntu kwaye nengxelo leyo iyaqhuba ngokunikezelwa.

**Nangona kunjalo, iinkukacha zisenokungalelwa nangona ziqulethe le ngxelo:**

- Seyifumaneka kuluntu;
- Ingomntu ongomnye ochaphazelekayo kwaye lo mntu ungomnye sevumile waze wayibhala phantsi into yokuba ityhilelwie inikwe umfakisicelo

**Ukhuseleko Olunyanelisiweyo Iwabantu abathile nokhuseleko Iwempahla/lwezinto**

Igosalengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu kufuneka lisale isicelo sokufikelela kwiinkukacha zeloqumrhu lithile, ukuba ukukhutshwa kwazo kungenzeka ukuba kubeke engozini ubomi oknaye ukhuseleko lomntu othile. Igosa lengxelo nengcaciso kwiqumrhu loluntu lisenokusala isicelo sokufikelela kwiinkukacha zelo qumrhu, ukuba ukukhutshwa kwazo kuza kubandlulula ngohlobo oluthile okanye lulimaze:

- Ukhuseleko Iwesakhiwo, ubume okanye indlela yokwenza izinto kuquka ikhompyutha okanye indlela yokunxulumana, uhlobo Iwesithuthi okanye naluphi na uhlobo Iwempahla;
- Igosa lengxelo nengcaciso kumqumrhu loluntu lusenokwala isicelo sokufikelela kwiinkukacha zequmrhu loluntu, ukub aukukhutshwa kwezoomkcukacha kuza kubandlulula ngohlobo oluthile okanye luhazamise iindlela, iisitim, izicwangciso okanye iinkqubo zokukhusela::
- Ubani ophantsi kwenqubo yokhuseleko bungqina;
- Ukhuseleko loluntu, okanye inxalenye yoluntu;
- Ukhuseleko Iwesakhiwo, ubume okanye indlela yethile yokwenza into kuquka neendlela zonxibelewano ngekhompyutha, into esetyenzisa njengenqwelo okanye olunye uhlobo lweempahla.

**Ukhuseleko olungunyazisiweyo Iwamadolethi amapolisa akwiinkqubo zebheyile, ukhuseleko lokunyaneliswa komthetho kunye neenkqubo ezisemthethweni**

Igosa lengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu lingasal isicelo sokufikelela kwiinkukacha zoluntu, ukuba ukufikelela kwezoomkcukacha kuthintelwe ngokwemiba yesigaba sesolotya lama60(14) Omthethwana Ojongene Neenkqubo Zolwaphulomthetho onguNombolo wama-51 ka1977.

Igosa lengxelo nengcaciso linemihlaba yokukhetha ukwala ngokwemiba yamasolotya 39(1)(b) yePAIA.

**Ukhuseleko Iweenkcukacha olugunyazisiweyo kwiinkqubo zomthetho**

Igosa lengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu kufuneka lisale isicelo lokufikelela kwiinkukacha zequmrhu loluntu ukuba iinkukacha zikhethelwe ukupapashwa nokuveliswa kwiinkqubo zomthetho, ngaphandle kokuba ilungelo elo likhethekileyo lisusive.



### Ukhuseleko lobudlewane beRiphabhliki kwihabathli

Igosa lengxelo nengcaciso yequmrhu loluntu lingasala isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zelo qumrhu, ukuba ukutyhilwa nokuvezwa kwayo kungenzeka kucinizelela ngendlela ithile:

- Ukhuseleko IweRiphabhliki;
- Uzinzo IweRiphabhliki;
- Ubudlewane beRiphabhliki namazwe ehlabathi.

Igosa lengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu lingasala isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zelo qumrhu ukuba iinkcukacha ezo ziza kuthila okanye ziveze ukuba:

Zikhutshwe ngendlela eyimfihlo okanye elinye llizwe okanye umbutho wamazwe ehlabathi;

Zikhutshwe egameni leRiphabhliki kwelinje llizwe okanye umbutho wamazwe ehlabathi ngokwamasolota emiba yombutho ngokulungiselelwa okanye ngezivumelwano zamazwe ehlabathi ngesizwe okanye umbutho, efuna ingxelo eziza kugcinwa zilihlebo;

Kufuneka zigcinwe ziyimfihlo ngesivumelwano samazwe ehlabathi okanye izivumelwano zomthetho olawula ubuzwe phantsi kwezigaba ze-231 okanye 232 woMgaqosiseko.

### Imiba yezoqoqosho nobume bemali kwiRiphabhliki nemisebenzi yezoqoqosho kumaqumrhu oluntu

Igosa lengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu lisenokusala isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zequmrhu loluntu, ukuba ukutyhilwa nokuvezwa kwezinkcukacha kusenokonakalisa imeko yezoqoqosho okanye ubume bemali kwiRiphabhliki, okanye ukuba nako kukarhulumente ukulawula ezoqoqosho kwiRiphabhliki ngendlela eyiyo ngokweemfuno neminqweno yeRiphabhliki.

Igosa lengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu lingasala isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ukuba iqumrhu ukuba iinkcukacha:

- Ziqulethe iimfihlo zeLizwe okanye iqumrhu loluntu;
- Iqulethe ingxelo yemali, yentengo, yobunzululwazi okanye ingxelo yobuchwepheshu kunye nesityhilelo esinokuthi sibangele ingxaki kumaziko entengo nemali yeLizwe okanye yequmrhu elithile;
- Iqulethe ingxelo, enokuthi xa inokukhutshwa, ibeke iqumrhu loluntu engxakini kwizivumelwano okanye uthethwano, okanye icinezele iqumrhu loluntu kukhuphiswano lwezentengo;
- Yinkubo yekhompyutha njengoko ichazwe KuMthethwana weCopyright, Nombolo. wama-98 ka1978, yeLizwe okanye yequmrhu Loluntu, ngaphandle kokuba ifuneka ngenxa yemiba yokufaka isicelo ngokwamasolota ePAIA.



**Igosa lengxelo nengcaciso lisenokwala ukuphumeza isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zequmrhu elo ukuba iinkcukacha ziqulethe ingxelo eziphumo zinokuba nje:**

- linkcukacha sezifunyanwa luluntu;
- Zingequmrhu loluntu okanye abanini bazo liqumrhu loluntu, ngaphandle kwequmrhu loluntu zezalowo kuthunyelwe kuye isicelo, kwaye esi sicelo sivunyelwe ngokubhalela ukutyhilwa nokuvezwa kngumfakisicelo;
- Mayela neziphumo zophando okanye ukuvavanywa kwezinto nendawo engqonge iziphumo okanye oluphando (kuquka iziphumo eziphume ngaphambi kovavanyo lwatanci okanye uphando oluqhutywe ngokuthi kupuhliswe iindlela zokuqhuba uphando) luqhutywa ngumntu okanye luqhutywa egameni lomnye umntu okanye iqumrhu loluntu, nokusasazwa okunokutyhila kuveze umngcipheko wokhuselenko loluntu olumandla okanye umngcipheko wendawo/izinto ezingqonge iziphumo zophando.

**Kuye kunyanzeleke ukuba ingxelo yophando ikhuselwwe ingakumbi xa ichaphazela omnye umntu okanye elinye iqumrhu loluntu**

Igosa lengxelo nengcaciso lequmrhu loluntu kumele lingasivumeli isicelo selo qumrhu ukuba iinkcukacha ziphethe ingxelo okanye oluza kuhutywa egameni lomnye umntu kwaye le ngxelo iza kusasazwa, ingakumbi ukuba isenokudala ingxaki ngokulandelayo:

- Ukuba iza kuveza ungenelelo lomntu ongomnye, ukuba umntu oghuba uphando okanye oza kuqhuba uphando uza kuluqhuba egameni lomnye umntu okanye elinye iqumrhu, okanye ngumba wophando oza kuba neziphumo ezingancumisyo nezingekho zihle kwaphela.
- Igosa lengxelo nengcaciso loluntu lisenokwala lingasiphumezi isicelo sakho sokufikelela kwiinkcukacha yelo qumrhu okanye zalo mntu ukuba iinkcukacha ziqulethe ingxelo ngophando oluqhutywayo egameni lequmrhu elo ingakumbi ukuba ingxelo iza kusasazwa, mhlawumbi ngokwenza oku:
- Ukutyhila iqumrhu loluntu, umntu oxakeke kukuqhuba uphando okanye osebenza endaweni yequmrhu oluntu okanye undoqo wesihloko somba wophando ngenxa yokuba nzima bokufikelela kuyo.



### Ukusetyenziswa kwamaqumrhu oluntu

Igosa lezengcaciso okanye okanye iqumrhu loluntu lisenokwala ukuba ufumane iinkcukacha zeqhumrhu loluntu ziqulethe umbono, ingcebiso, umbiko okanye isindululo esifunyanwa okanye esilungiselelwego; okanye ingxelo ngofakano-milomo, ingxoxo okanye ukuthathwa kwezigqibo, kuquka imizuzu yeentlanganiso, ngokweenjongo zokuncedisa ukwakiwa umgaqonkqubo okanye ukuthathwa kjesigqibo kusetyenziswa Amandla okanye indlela yokwenza umsebenzi ngokwemiba yamasolotya omthetho wequmrhu loluntu.

Igosa lengcaciso lequmrhu loluntu lisenokusala isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zelo qumrhu, ukuba ukunikezelwa kweenkcukacha kungenzeka ukuba kubhidise ukusebenza kwenqubo yequmrhu loluntu okanye ukusebenzisana kweenqubo zamaqumrhu oluntu, ngokuthintela unxibelelwano lombono, ingcebiso, ingxelo okanye isindululo; okanye ukuqhuma ufa kano milomo, ingxoxo kunye nokwenza iziggibo; okanye ukuba ukufikelela kwiinkcukacha nokukhutshwa kweenkcukacha nomgaqonkqubo ngaphambi kwexesha okanye umgaqonkqubo oxosisayo uza kubhidisa impumelelo yalo mgaqonkqubo

Igosa lengcaciso loluntu lisenokusala isicelo sokufikelela kumqulu wequmrhu loluntu, ukuba:

- Inye yezinto elindelekileyo ngokusasazwa nokutyhilwa kwamaxwebhu, kukuchaphazela kakubi indlela eyiyo yokusebenza kovavanyo, ukuhlola, okanye inkqubo yokucwaninga okanye indlela esetyenziswa ngayo liqumrhu loluntu;
- Uxwebhu luphethe imathiri yeli yokuhlela, nokuba umntu okunikeleyo uyabonakala kwixwebhu elo, kwaye ukusasazwa nokutyhilwa kwemathiri yeli kungaphula isithembiso esichaziwego nesibonakalayo esenzelwe lo mntu unikezela ngemathiri yeli, esichaza ukuba igama lakhe liginwe liyimfihlo okanye
- Uxwebhu oluphethe imisebenzi esaqhubayo okanye yethutyan yegosa lengcaciso lequmrhu loluntu

### Izicelo ezibonakala zingenamsebenzi nezinxaxhileyo, okanye ukujikwa kwezixhobo zokusebenza zenze o nye umsebenzi ngendlela eyiyo nefanelekileyo

Igosa lengcaciso lequmrhu loluntu alisivumi isicelo sokufikelela kumaxwebhu elo qumrhu loluntu, ukuba isicelo esingenaxabiso okanye esinenjongo yokuphatha kakubi, okanye umsebenzi obandakanya ukuqhutywa komsebenzi wokuphunyeza kwsicelo kakuhle nangendlela ekujikwe ngayo izixhobo zokusebenza kwiqumrhu loluntu.

### Ukusasazwa okunyanzeliswe ngumnqweno woluntu

Ngaphandle kwemiqathango yokwala edweliswe ngentla, igosa lengcaciso lomqurhu loluntu kufuneka linike imvume yesicelo sokufikelela kumaxwebhu oluntu, ukutyhilwa nokunikezelwa kwengxelo ngoko ke iveze ubungqina bayo:

Ukwaphula umthetho, okanye ukuhambelana nomthetho; okanye ukhuseleko loluntu okanye umngcipheko wendawo nezinto ezisingqongileyo; kunye nomnqweno woluntu ukuchaza nokunikezela ngamaxwebhu, iyawodlula umonakalo ochazwe kwimiqathango yokwalela ukufikelela kwimiqulu.

### Isiphele